“Ukwalusa amasango”

Ukugabula izigcawu: Chongani izinto ezizizihendo ezinamandla emehlweni kule mihla nixoxe ngazo.

Genesis 3:6

(i) USathana wayitsalela njani ingqalelo ka-Efa kumthi awalelweyo? (ii) Singafunda ntoni kuyo?

(i) USathana wasenza sisikhulu isiqhamo ngokusigxininisa. **Qaphela:** U-Efa wayewuqhelile lo mthi, engawuqapheli ukuba uyanqweneleka. (ii) Ngokufanayo, uSathana uyasilahlekisa ngokutsalela ingqalelo yethu kwizinto esimele ukungazinanzi.

(i) Ziziphi ezinye iindlela uSathana asingenisa ngazo ekuhendweni? (ii) Simele ukusabela njani kweso sihendo?

(i) USathana usoloko esikhumbuza izono zethu zakudala azisebenzisele ukusigweba okanye ukusirhwebesha. (ii) Okokuqala, simele ukumkhumbuza uSathana ukuba uThixo wazesula izono zethu kuthi (Ndumiso 104:12). Okwesibini, simele ukusonyanya isono. Masisibone njengesikizi. Oku kuyakusikhusela ekungeneni esihendweni. **Qaphela:** UThixo akasihlanguli esonweni esisonwabelayo.

UYobhi 31:1, 5-7 noLuka 11:34

Yintoni enokuwanyanzela amakholwa kule mihla ukuba enze isifungo esifana nesikaYobhi?

Indlela yokunxiba kwamadoda nabafazi iye ibambi ngokubambi kunangaphambili. Ukuba amakholwa awalumkanga, imbewu yesono ingatyaleka lula entliziyweni yomntu. **Qaphela:** Le nto iluncedo kwezi zithunywa zikwiphulo lokulukuhlela amakholwa esonweni. Luxanduva lwethu ukwalusa iintliziyo zethu.

Kutheni kufuneka siwasusile amehlo ethu kwizinto ezingenabuThixo?

Imizimba yethu iyazuza kwimithetho kaThixo xa amehlo ethu enyulu kwaye ejoliswe kuThixo. Sibakukukhanya kukaThixo xa amehlo ethu enyulu. **Qaphela:** Izihendo ezingena ngamehlo ayizozesondo kuphela; ngamanye amaxesha ukunyoluka nentiyo zizono ezizalwa koko sikujongayo.

Umele kukwenza ntoni ubani xa ejamelene nesihendo samehlo?

Umele ajonge kude emke kuso. Amakholwa mawayeke ukudlala ngesono emhlabeni waso. **Qaphela:** Uyazazi xa ubone into ekutsale ingqalelo. Luxanduva lwakho ukumka ngokukhawuleza kwinto ekutsalela esonweni.

Elokugqiba: AmaEfese 1:18 namaRoma 12:1

Yintoni ingenelo yokuba amehlo ethu engqondo akhanyiselwe?

Siba nolwazi. Sazi ithemba lobizo lukaThixo nobutyebi bozuko lwelifa likaThixo. **Qaphela:** Kungoko kufuneka siyinikele imizimba yethu, ngakumbi amehlo ethu, kuThixo yonke imihla.